



Inombolo yefayili: 22/2/6/1  
Isalathiso: 20240118-895

INGcaciso yeCandelo leKharityhulam ye-FET: DCF 0002/2024

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kwiKharityhulam, kuBaphathi beeSekethe, kwiiNtloko zoLawulo noKuphathwa kwamaZiko, kuBacebisi ngeZifundo nakwiiNqununu zezikolo eziziisekondari

**Isihloko: Inkxaso enikwa abafundi beCandelo leMfundo noQeqesho oluQhubekayo (FET) ngo-2024 kusetyenziswa i-Telematics platform nosasazo ngqo (live streaming) lwezifundo**

1. ISebe leMfundo leNtshona Koloni (iWCED) liya kwenza izifundo ezisasazwa ngeqonga loqhagamshelwano eliyi-interactive platform. Izifundo ziya kusasazwa (beamed) ngethekhinoloji yesathelayithi ngethuba elisusela ngowama-29 Januwari ukuya kowama-28 Oktobha 2024.
2. Ngo-2024 kuya kugxininiswa kumaBakala 10 ukuya ku-12. IsiHlomelo A esiqhotyoshelweyo sichaza ishedyuli yokusasazo eneenkcukacha zezifundo, zamabakala, zezihloko, imihla namaxesha.
3. Ngenxa yokuba ithayimtheyibhile iquka inani elithile lezifundo namabakala ahlukileyo, kubalulekile ukuba ootitshala nabafundi bayilandele le thayimtheyibhile ngenkathalo enkulu.
4. Izifundo ziya kuqhutywa apha evekini, emva kweeyure zesikolo. Ngoko ke kubalulekile ukuba iinqununu zixoxe ngamalungiselelo namabhunga olawulo azo kunye nabazali.
5. Ukubakho kwabafundi kwezi zifundo kuya kubekwa esweni qho nguNdlunkulu nangamagosa ezithili.
6. Kuya kulindeleka iinqununu zinike ingxelo qho ngekota ngokubakho kwabafundi kwezi zifundo, nangempumelelo yabo okanye ubunzima abadibene nabo kule program.

7. Izifundo neeprogram zokurivayiza zingasasazwa kwakhona apha enyakeni. Ishediyuli ezinjalo ziya kwenziwa zifumaneka yaye kufuneka abafundi bakhuthazwe ukuba bazisebenzise.
8. Abenzi benkcazo-ntetho (*presenters*) ngootitshala abakhokelayo (*lead teachers*) abakhethwe ngenxa yobungcali namava abo okufundisa izifundo.
9. Iincwadana zabafundi:
  - Iincwadana zabafundi ziya kunikwa umfundi ngamnye kwisifundo ngasinye kwezo zikwizikolo zikwiprojekthi, o.k.t. kwezo zikolo zinethekhnoloji yesathelayithi (*satellite technology*).
  - Izikolo ezikwiprojekthi mazenze izicwangciso zokulanda iincwadana zezifundo nomququzeleli we-FET kwisithili.
  - Zonke ezinye izikolo ziya kuzifumana iincwadana ngokungena kwiziko lewebhu le-*Telematic Schools Project* nakwi-ePortal yeSebe iWCED, <https://wcedportal.co.za/telematics>
10. Ukongeza kusasazo lwezifundo ngesathelayithi, zonke izifundo ziya kusasazwa ngqo (*live streaming*). Izikolo ezingenayo ithekhinoloji yesathelayithi kodwa ezikwaziyo ukungena kwi-*broadband internet service*, zicetyiswa ngamandla ukuba zisebenzise le program yokufundiswa (*tutoring program*) yasimahla igqwesileyo. Izikolo ezingqwenela ukufumana ezi zifundo zisasazwa ngqo nemathiriyeli enxulumene nazo mazibhalise ngokuqhagamshelana nenkonzo yoncedo ye-*Telematics* apha 021 808 9507/808 4129.
11. Kukhuthazwa iinqununu ukuba zibhalise bonke abafundi bamaBakala 10 ukuya ku-12 kwiziko lewebhu le-*Telematic Schools Project*. Oku kuya kwenza ukuba abafundi babenako ukufumana izifundo ezisasazwa ngqo (*live streaming*) okanye kwiziko lewebhu elisebenzisa i-intanethi engahlawulelwayo (*zero-rated website*) ngexesha elilungele bona. Iinqununu kufuneka zicele ifom yokubhalisa abafundi abaninzi ngokuthumela i-imeyili apha [school@sun.ac.za](mailto:school@sun.ac.za).
12. Kukhuthazwa ootitshala ukuba basebenzise okanye bakhuthaze ukusetyenziswa kwezifundo ezifumaneka kwiziko lewebhu elisebenzisa i-intanethi engahlawulelwayo (*zero-rated website*), <https://schools.sun.ac.za/> (iilinki kwizifundo ezifumaneka kwi-ePortal yeSebe iWCED).
13. Ukuba unayo nayiphi na imibuzo ngeli phulo, kucelwa uqhagamshelane ngokukhululekileyo noGqr G Schreuder nge-imeyili apha [Glynis.Schreuder@westerncape.gov.za](mailto:Glynis.Schreuder@westerncape.gov.za)

14. Kucelwa iinqununu zazise ootitshala abachaphazelekayo, abafundi bamaBakala 10 ukuya ku-12 nabazali okanye abagcini babo okule ngcaciso imfutshane ukuze bakuthathele ingqalelo.

**ISAYINWE:** NGU-H MAHOMED

**USEKELA MLAWULI-JIKELELE WOLAWULO LWEKHARITYHULAM NOVAVANYO**

**UMHLA:** 2024-01-22